

# Mama, sizawutya ntoni emini?


Heather Jenkins | Sally Partridge
Mbali Mauda

# Mama, sizawutya ntoni emini?

Le ncwadi yeka



*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Mama, sizawutya ntoni emini?*
*(Mama, What's For Lunch?)*
Illustrated by Heather Jenkins
Written by Sally Partridge
Designed by Mbali Mauda
Edited by Melissa Fagan
Translated by Sebolelo Mokapela
with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 18 September 2021.

ISBN: 9781776324248

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.



# Mama, sizawutya ntoni emini?

Heather Jenkins | Sally Partridge
Mbali Mauda



“Thabo, khawuleza. UMama ulungisa isidlo sasemini,” uyakhwaza uTumi.



Abahlobo bakhe abaqondi ukuba kutheni ekhetha isidlo sasemini endaweni yomdlalo, kodwa uThabo yena unemfihlo anayo.

Izidlo zasemini zikaMama zikhethekile.



NgoMvulo, uMama ukwenza ukutya kwabo kube ziimilo ezingathi zizinambuzane eziza kushukuma zirhubuluze, oko kwenze uTumi atswine kukothuka.

"YHUUWI!"

Kodwa ziziqhamo nemifuno evuzisa amathe, kwaye azoyikisi tu.





NgoLwesibini, wenza ingonyama egquma kakhulu de kushukume nendlu.

“GRAAAM!”

Kodwa le yipasta nje enetshizi kwaye imnandi.





NgoLwesithathu, uMama ubumba inkukhu etsho kuvuke sonke eso sitalato.

“KUKURUKUUUGU!”

Kodwa le yipleyiti nje yeziqhamo enencindi.





NgoLwesine, wakha itrakhi engxolayo.

UThabo noTumi bavala iindlebe zabo.

“VUUUUM!”

Kodwa le yisendwitshi yejem yamaqunube.





NgoLwesihlanu, uMama wenza igadi entle egcwele ziintyatyambo, iintaka noobhantom.

“TSWII TSWII”

Kodwa le yipapa enesondlo, iimbotyi kunye nesaladi ekramkram.



“Mama, siyintoni isidlo sasemini?” uyabuza uTumi.

“Ewe, Mama,” atsho uThabo. “Wenza ntoni namhlanje?”







UThabo noTumi abasakwazi kulinda nomzuzwana lo.

Izisu zabo ziyangxola.
Ekugqibeleni, uMama ugqibile.

“Siyintoni Mama?” abuze uThabo, ekhotha umlomo.



NguThabo, uTumi noMama!

“Mmmm, yintandokazi yethu, isityu nerayisi yakho ebalaseleyo.”

“Enkosi, Mama!”






UMama uzakwenza ntoni ngeCawa?



